BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 africa@bu.edu
www.bu.edu/Africa/alp 617.353.3673

# Imisebenzi

**Umsebenzi 1**

*Phendula imibuzo elandelayo, ebhekiselele kwividiyo*:

1. Balinde ntoni abafundi abakwividiyo?
2. Lithetha ntoni igama elithi 'amaqaba'?
3. Abafundi bafuna ukujonga ntoni kwiphephandaba (*newspaper*)?
4. Omnye umfundi udlala ngoMXT. Bayayithanda abanye abafundi loo nto? Nika izizathu ezibini ezixhasa impendulo yakho. Bathetha bathini?
5. Kuthetha ukuthini ukuthi umntu ubomvu?
6. Omnye umfundi akonwabanga, abanye bayavuya. Kutheni?

**Umsebenzi 2**

1. Kwividiyo omnye umfundi uyalila, ushiyeke yedwa. Kutheni elila?
2. Lo mfundi ulilayo uzama indlela yokuzibulala. Usela ntoni?
3. Kungena bani esalila lo mfundi ezama ukuzibulala?
4. Caphula (*quote*) amazwi abonisa intlungu awathethayo lo mfundi.

**Umsebenzi 3**

1. Ungumama womntwana ongaphumelelanga eluviweni. Umntwana wakho ufuna ukuzibulala. Bhala amazwi okumthuthuzela nokumkhuthaza.
2. Ungumfundi ongaphumelelanga eluviweni. Abahlobo bakho bapasile. Bhalela omnye umhlobo wakho umchazele ngentlungu yakho yokungaphumeleli, kwanendlela abahlekisa ngayo ngawe abanye abafundi obucinga ukuba bangabahlobo.
3. Elowo umfundi makafundele iklasi into ayibhale eleteni ayibhalela umhlobo wakhe eku-(2).

**Umsebenzi 4**

Kumaqela enu, linganisani ibali elikwividiyo enisanda kuyibukela ethi, '*Akulahlwa mbeleko ngakufelwa*'.

**Umsebenzi 5**

1. Ubufumene i-emeyile evela kumfundi onentlungu yokungaphumeleli eluviweni. Le ntlungu yakhe yongezelelwa nangabanye abafundi abahlekisa ngaye. Mphendule, uthethe amazwi awakhayo, enkuthazo nawokumthuthuzela.

2. Elowo umfundi makafundele iklasi i-emeyile ayibhalele lo mfundi.

**Umsebenzi 6**

1. Uyi-educational psychologist. Lungisa intetho yakho oza kuxhobisa ngayo abafundi abalungiselela iimviwo, ubakhuthaze ubacebise ngendlela yokulungiselela iimviwo.

2. Elowo umfundi makayifundele abanye abafundi eklasini intetho yakhe. Makwenziwe ukhuphiswano ngezi ntetho. Ngubani oyena othethe kakuhle?

**Umsebenzi 7**

1. Ungumhloli wezikolo. Kusondela ixesha lokuphuma kweziphumo zabafundi bakagreyidi-12. Eli lixesha elinzima abazibulala ngalo abafundi abangaphumelelanga. Bhala intetho yakho elungiselela ukuba bazamkele iziphumo, bazi mhlophe ukuba akulahlwa mbeleko ngakufelwa, umntu usenokuphinda azame.

2. Elowo umfundi makayifunde eklasini intetho yakhe.

3. Yonyulani umfundi oza kuba ngumhloli wezikolo, enze intetho yokukhuthaza abafundi. Abanye abafundi mababuze imibuzo kumhloli.

**Umsebenzi 8**

1. *Umhlobo wakho usaqala ukufunda isiXhosa. Lungisa iimposiso zakhe kwezi zivakalisi zilandelayo*:

    (i) ILulama iphethe uyeza yamaphela.

    (ii) Ithi imama yeLulama , molweni intombi yam.

    (iii) Kwenzeke intone usana lwam?

    (iv) Ukuthula umntwan’am,iza kupasa kwiimviwo zokuxabangela.

    (v) Umfundi zithetha yedwa.

**Umsebenzi 9**

1. Umfundi ongaphumelelanga uthetha la mazwi xa elila:

   Baza kuthini abantu? Baza kuthini abahlali? Uzothini umama?

(a) Xa ujonge le ntetho yalo mfundi ngoobani aba anexhala labo ekungaphumelelini kwakhe?
(b) Le nto yokuba lo mfundi engenaxhala kuphela lokuba iza kuthini ifemeli yakhe, abe nexhala nangabanye abantu angazalaniyo nabo, ikufundisa ntoni ngenkcubeko yamaXhosa , nendlela ahlalisana ngayo nabanye abantu? Thelekisa loo nto kunye neyakho inkcubeko.

**Umsebenzi 10**

1. Ungumfundi ongaphumelelanga iimviwo. Uyahlekwa ziitshomi zakho obuzithembile. Le nto ikukhathaza kangangokuba uthetha wedwa (*soliloquoy*). Bhala amazwi owathethayo , uphalaza le ntlungu yakho. Musa ukusebenzisa amazwi omfundi okwividiyo kuphela.Yongeza nawakho.

   Isigama osinikiweyo siza kukunceda kanti usenokucela nomhlohli wakho akuncedise.

2. Elowo umfundi makafundele iklasi amazwi awabhalileyo.

3. Bhala intengiso (advertisement ) yephephandaba elineziphumo zabafundi. Ulwimi olusebenzisayo malunike umdla, lutsale abathengi. Lithiye igama lesiXhosa eli phephandaba lakho.